# OLD MUTUAL SUPERFUND

INkqubo yoMhlalaphantsi iTwo-Pot iza kuqalisa ngowe-1 **September 2024**, kwaye iOld Mutual SuperFund ifuna ukukuxhobisa ukuze ukwazi ukwenza izigqibo zakho zezemali unolwazi.

TWO-POT RETIREMENT SYSTEM

## IKhatyuleyitha eNtsha yethu iyafumaneka!

Sinemincili ngokunazisa **ngeKhatyuleyitha yokuTsala iMali Eselugcinweni yeTwo-Pot** efumaneka ku**WhatsApp**. Le Khatyuleyitha ikuvumela ukuba:

- Ubone imali yakho yomhlalaphantsi eselugcinweni: Le mali iza kuba 'yiNxalenye Etyaliweyo' yakho ukusuka ngowe-1 September 2024.
- Jonga ibhalansi efumanekayo eqikelelwayo kwiNxalenye yeMali Eselugcinweni yakho ukusuka ngowe-1 September 2024.
- Qikelela ukuba irhafu ingathini ukuba ukhetha ukutsala kwiNxalenye yeMali Eselugcinweni yakho.
- Ukuba ubuliLungu leProvident Fund ebelineminyaka engama-55 ubudala okanye ngaphezulu ngowe-1 March 2021 kwaye uselilungu lale Fandi inye, awusayi kukwazi ukuTsala kwiMbiza yeMali Eselugcinweni ngaphandle kokuba ukhetha ukungena kwiNkqubo yoMhlalaphantsi iTwo-Pot.

**Okwangoku awusayi kukwazi ukutsala kwiMbiza yeMali Eselugcinweni.**

## Indlela yokusebenzisa le Khatyuleyitha ikuWhatsapp yokuTsala kwiMali Eselugcinweni yeTwo-Pot

**Kukho iindlela ezimbini zokufikelela kwiKhatyuleyitha:**

**INDLELA ENOKUKHETHWA YOKU-1:**

- Skena le QR khowudi kwiselfowuni yakho. Iza kusa ngqo kuWhatsApp ize ifake la magama athi 'Two-Pot' kwangaphambili.
- Cofa u-'enter' ukuze uqhubeke.

**INDLELA ENOKUKHETHWA YESI-2:**

- Seyiva uOld Mutual (0860 933 333) njengekhontakthi.
- Tayipa u-'Hi' kwichat.
- Khetha kokunokukhethwa okuku-8.
- Kuya kuvela imenyu yeTwo-Pot.

**Ngaphambi kokuba uzame ukusebenzisa le Khatyuleyitha, nceda ukhumbule:**

| | | |
|---|---|---|
| **1** La manani anikezwayo yiKhatyuleyitha yeTwo-Pot asekelwe kwimali yakho yomhlalaphantsi eselugcinweni ngoku kwiOld Mutual SuperFund. **La manani sisikhombiso okanye luqikelelo kwaye asenokwahluka kwimali yakho yokwenene iyonke kunye namanani erhafu anokuvela** xa iTwo-Pot iqalisa ngowe-1 September 2024. | **2** Le mali ifumanekayo kwiNxalenye yeMali Eselugcinweni yakho kufanele ufikelele kuyo kuphela ngexesha likaxakeka. **Nayiphi na imali oyitsalayo ngaphambi kwexesha lomhlalaphantsi iya kuba nefuthe** kwisixa-mali sakho esifumanekayo (kunye nenzala yaso) kuwe xa uthatha umhlalaphantsi. | **3** Imirhumo yakho kwimali yomhlalaphantsi eselugcinweni ayifani nomvuzo wakho wesiqhelo, yona ayitsalelwa irhafu kwaye iyakhula ingatsalelwa rhafu de ibe lixesha lomhlalaphantsi. **Ukuba uyatsala kule Nxalenye yeMali Eselugcinweni, uza kubhataliswa la rhafu ubuza kuyibhatala ukuba le mali ibiyinxalenye yomvuzo wakho wesiqhelo (okanye umvuzo otsalelwa irhafu).** |


**Ukuba awunakho ukusebenzisa iKhatyuleyitha kaWhatsApp yeTwo-Pot,** oko kuthetha ukuba asinayo inombolo yakho yeselfowuni echanekileyo kwaye kuza kufuneka uyihlaziye. Nceda wenze oku usebenzisa:


» I-Old Mutual App (ifumaneka kwi[Android](#) nakwi-[iOS](#)), okanye
» I-[Secure Services](#) ([cofa apha](#) ngesikhokelo esinatyisiweyo sokubhalisa), okanye
» Uqhagamshelane neZiko leMinxeba leSuperFund ku-0860 20 30 40.

## LiKhuselekile, liNqatyisiwe kwaye liHlala liFumaneka!

Ijelo leWhatsApp likaOld Mutual liyafikeleleka imini yonke, yonke mihla, unyaka wonke (24/7, 365) apha esandleni sakho! Likwaqinisekisa ukukhuseleka kunye nokunqatyiswa konxibelelwano lwakho. Ngokhuseleko olongezelelekileyo, sicebisa ukuba uyitshixe incoko yakho yechat. KwiMenyu enguNdoqo, vela ucofe ku-**'learn more' (Funda Ngakumbi)** uze **ukhethe kwi-'list' (uluhlu)**.

Kwaye, imali yakho yomhlalaphantsi eselugcinweni ikhuselwe kubuqhopholo obenzekayo kwi-intanethi. Nokuba umntu unenombolo yakho ye-ID, akanakho ukwenza ibango lokutsala imali, kuba sifuna ibango lisetyenzwe kule nombolo yeselfowuni sinayo kwiirekhodi zethu ngawe.




**Ingaba unayo nayiphi na imibuzo?** Ngayo yonke into ekufuneka wazi ngayo ngeNkqubo yoMhlalaphantsi i-Two-Pot, yiya ku-[www.oldmutual.co.za/two-pot-retirement-system](#)

Jonga uthungelwano lwethu lwamvanje kunye neevidizo zeTwo-Pot ngeelwimi zaseMzantsi Afrika ezahlukileyo:

**INxalenye yoMhlalaphantsi yakho kwaye Kutheni iBaluleke Kangaka:**
English | IsiXhosa | IsiZulu | Sesotho | Sepedi | Afrikaans

**I-Two-Pot iChaziwe:**
English | IsiXhosa | IsiZulu | Sesotho | Afrikaans

OLDMUTUAL

DO GREAT THINGS EVERY DAY

Old Mutual Life Assurance Company (SA) Limited is a licensed FSP and Life Insurer.